



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

ISIGABA ESIPHEZULU

IBAKALA 9

EYOMNGA 2010

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA INCWADI KATITSHALA

AMANQAKU: 100

Le ncwadi katitsha inamaphepha asi – 7.

UMBUZO 1

- 1.1 YiFIFA WORLD CUP/indebe yehlabathi eMzantsi Afrika (1)
- 1.2 UMzantsi Afrika, iFrance, iBrazil, iGhana, iNetherlands, iNgilane, iMexico, iChile, iSpain njalo-njalo. (uya kukhetha abe 4) (4)
- 1.3 Spain (1)
- 1.4 Ukonwaba, ukuvela kwemisebenzi, ukunyuka koqoqosho, umanyano.
(Uyakukhetha zibe 3) (3)
- 1.5 - Ukuba kude namabala okubukela ibhola.
- Ukungabi namali yokuthenga amatikiti okuya kubukela umdlalo emabaleni.
- ukungabi namibane ezindaweni zokuhlala ukuze kubukelwe oomabona-kude
(Uyakukhetha zibe 2) (2)
- 1.6 (a) kwakusindwe ngobethole ----- kwakumnandi kakhulu (1)
(b) sibe yimbumba yamanyama ----- simanyene/sibe banye (1)
(c) imali inqongophele ----- imali inqabile (1)
(d) indumasi yomnyhadala webhola ----- umnyhadala odumileyo kakhulu (1)
- 1.7 - Ukuphuhlisa imfundo, neendawo zokuhlala.
- Ukungeniswa kombane kwiindawo ezingenambane.
- Ukuncedisa ukuvelisa amathuba emisebenzi.
- ukungeniswa kwamanzi acocekileyo kwiindawo azingenamanzi. (Khetha 2) (2)
- 1.8 Bafana -Bafana (1)
- 1.9 Ngumbala oluhlaza nombala oqanda okanye omthubi nemibalana emhlophe.
(khetha ibe mibini) (2)
- [20]

UMBUZO 2

1gama	Isigaba sentetho
(a) ebaleni	Isalathandawo/isihlomelo sendawo (1)
(b) yehlabathi	Isimnini (1)
(c) zonke	Isimelabizo soquko (1)
(d) bona	Isimelabizo soqobo (1)
(e) omkhulu	Isiphawuli (1)

[5]

UMBUZO 3

- (a) (i) Bayeke abasaleleyo ungabavusi ebuthongweni babo. (2)
 (ii) Ndiza kuthumela imoto iye kulanda abasaleleyo kuleya sele ihambile imoto. (2)
- (b) abasele-bevukile **okanye** abasele behambile (1)
 Kuya kuxhomekeka kwimpendulo ebinikwe ngumfundi ngasentla. [5]

UMBUZO 4

- 4.1 Ngexesha lendebe yehlabathi **yavela** imisebenzi. (1)
- 4.2 Ngomhla we-11 kaJuni **baza kungena** ebaleni aBafana-Bafana. (1)
- 4.3 **Kwaba** njalo ke ukukhutshwa kwamaqela ebaleni. (1)
- 4.4 Iziganeko zale ndebe **zishiyeke/zishiyekile** ezingqondweni zabantu (1)
- 4.5 Abantu abaninzi **baza kuzuza ngexesha** lendebe yehlabathi. (1)
 [5]

UMBUZO 5**Imfuna-lwazi**

- (a) ----- ngumvubo (1)
 (b) ----- yidubhay/iisophu (1)
 (c) ---- yimfusi (1)
 (d) ----- kukoluka (1)
 (e) ---- ngumqombothi (1)
 [5]

UMBUZO 6**ISISHWANKATHELO**

Umfundi ulindeleke ukuba anyathele kwezi ngongoma: [10]

Umdlalokazi omkhulu webhola yeFifa ifikile eMzantsi Afrika kulo nyaka wama 2010.

Ibe yimivuyo kubantu baseMzantsi Afrika beyiyizela kuvunywa amagwijo kumnandi kakhulu. Ngomhla wama-11 kuJuni yaqala umdlalo iBafana Bafana. Amanye amazwe ayethatha inxaxheba kule ngala France, iBrazil, iGhana, iMexico. Ngomhla wokugqibela kwaqubisana iSpain neDutch. ISpain yawuphumelela umdlalo yaba ifumana indebe yehlabathi. Ixesha lalemidlalo soze lilibaleke ezintliziyweni zabantu baseMzantsi Afrika. Sibonile ukuba isizwe siyakwazi ukuba yimbumba yamanyama xa sizimisele. Abantu babokalisile

ukuba abantu baseMzantsi Afrika ngabantu abanobuntu. Bazibukile kakhulu iindwendwe.

IRUBRIKHI YESISHWANKATHELO

IMILINGANISELO YOKUGWEBE (20/2 =10)	UMGANGATHO 4	UMGANGATHO 3	UMGANGATHO 2	UMGANGATHO 1
	7-8	5-6	3-4	1-2
lingongoma eziphambili ezibalulekileyo namagama angundoqo	Umfundi uyakwazi ukuhlala koyena ndoqo esebenzisa amagama achaneke gingci adandalazisa umxholo.	Umfundi uyakwazi ukukhetha undoqo kwisicatshulwa, namagama atyhila umxholo.	Umfundi uyakwazi ukukhetha eyona nto sithetha ngayo kwisicatshulwa kodwa akahlali ncam emxholweni.	Umfundi akakwazi ukukhetha eyona ngongoma iphambili kwisicatshulwa akahlali nasemxholweni.
	6	4-5	2-3	1
Isakhiwo somsebenzi kujongwe nolwakhiwo lwezivakalisi	Umfundi uyakwazi ukudibanisa ngendlela egqwesileyo. Izivakalisi zakhiwe ngokuchanekileyo.	Umfundi akakwazi ukudibanisa izimvo kakuhle. Uyakwazi noko ukwakha izivakalisi.	Umfundi akakwazi ukudibanisa izimvo ngokufanelekileyo. Uyakwazi noko ukwakha izivakalisi.	Umfundi akakwazi ukudibanisa izimvo ngokufanelekileyo. Akakwazi nokwakha izivakalisi.
	6	4-5	2-3	1
Usetyenziso lolwimi nesigama esisiso, upelo nosetyenziso lweziphumlisi	Umfundi usisebenzise ngokugqwesileyo isigama nolwimi ngokunjalo. Akukho ziphene kupelo nakusetyenziso lweziphumlisi.	Umfundi usebenzise isigama kakuhle, nolwimi. Upelo nosetyenziso lweziphumlisi nalo luyancomeka.	Isigama sithande ukunqongophala kwaye ubonisa ukusilela kusetyenziso lolwimi. Kukho iziphene kupelo nakusetyenziso / lweziphumlisi.	Umfundi akakwazi konke ukusebenzisa isigama nolwimi olululo. Umsebenzi uzele ziimpazamo zopelo. Akakwazi konke ukuzisebenzisa iziphumlisi.

UMBUZO 7

- 7.1 Umbongo ubonakalisa indlela umzali amthanda ngayo umntwana wakhe nendlela akhathazeka ngayo xa umntwana wakhe engoniseliseki luqeqesho lwakhe. (Nayiphi na enye impendulo enokunikwa ngumfundi) (1)
- 7.2 Ikhathazekile (1)
- 7.3 Imbongi ithi umntwana wakhe makakholelwe oneliseke ngumzali wakhe kananjalo azithembe iingcinga zomzali wakhe. (1)
- 7.4 Uyandityhiliza, uyangqisha, uyatshikila undishiye ndithetha. (3)
- 7.5 (a) Kwatsho kwakho isidima ekhayeni lam. /Ikhaya lahlonipheka/landiliseka (1)
- (b) Ubomi bukrakra, bubi, bunzima, abumnandanga. (Khetha ibenye) (1)
- 7.6 Yimbongi nomntwana wayo. (1)
- 7.7 - Umzali usoloko emthanda umntwana wakhe. (1)
- Umntwana makayazi ukuba uqeqesho lulungile.
- Umzali akasoloko enezinto zonke.
- Lixabiso elikhulu ukubakho komntwana ekhaya njalo-njalo. (Khetha ibe

nye)

[10]

UMBUZO 8**IRUBRIKI YESINCOKO**

ISIQULATHO	KHOWUDI 7 EBALASELEYO	KHOWUDI 6 MFANELEKO	KHOWUDI 5 ENOMTHAMO	KHOWUDI 4 ANELE	KHOWUDI 3 PHAKATHI	KHOWUDI 2 BUTHATHAKA	KHOWUDI 1 BUBHETYE BHETYE
	8	7	6	5	4	3	1-2
1. Ubungqina boyilo	Ubungqina bokucebisa uyilo luvelise itekisi engenazimpaza -mo kwaphela.	Ubungqina bokucebisa uyilo luvelise itekisi engenaziphaza miso kwaye kuvelise itekisi engenazimpaza miso kwaye bukwavelise itekisi eyakhiwe ngokupheleleyo .	Ubungqina bokucebisa uyilo luvelise itekisi eyakhiwe ngokuncomekayo .	Ubungqina bokucebisa uyilo luvelise itekisi eyanelisayo.	Ubungqina bokucebisa uyilo luvelise itekisi ephakathi kwaye bukwavelise itekisi eyakhiwe ngokulindelekileyo.	Uyilo okanye ucebisa alwanelisi kwaphela. Itekisi ayibekelwanga kakuhle.	Uyilo okanye ucebisa alukho, itekisi ibekelelwe ngokutenxileyo.

	8	7	6	5	4	3	1-2
2 Ulwimi nesimbo, upelo, uqhawulo magama, iziphumlisi nolwimi	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekile- yo nangokufezekile- yo nesihloko. Upelo, uqhawulo magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo o zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufaneleki- leyo	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo o nesihloko. Upelo, uqhawulo magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo. Kumaxa amaninzi Uchongo magama oluhambelana netekisi.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Upelo, iziphumlisi, uqhawulo magama nolwimi zilula, uchongo lwamagama lwanele.	Isimbo imvakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngoku ngachanekanga. Uchongo magama luphakathi.	Isimbo imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo magama luyahexa.	Isimbo imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo lwamagama luhexa kakhulu.
5	8	7	6	5	4	3	1-2
3. Umxholo	Imihlathi ibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. lingcamango zivuthiwe, zixhokonxa iingcinga.	Imihlathi ibonisa utolikeko oluchanekileyo lwesihloko. lingcamango zihlakaniphile, zinomdla.	Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluvakalayo lwesihloko, iingcamango zinomdla, zeziqinisekileyo.	Imihlathi ibonakalisa utolikeko olwanelisayo lwesihloko. lingcamango ziqhelekile, ziyasilela ngobunzulu.	Isiqulatho: siqhelekile, sinezikhewu kunamathelwano. lingcamango uninzi lwazo lunxulumene.	Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. lingcamango zinqongophele, soloko kuphinda-phindwa.	Imihlathi ayikho mxholweni. Akukho namathelwano. lingcamango uphinda-phindwano nokunwenwela kude kwisihloko.
7	8	7	6	5	4	3	1-2
4. Isakhiwo	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamathel- e-yo	Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahlukahlukene.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle	Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwindawana ezithile kodwa isincoko sona sinembadla.	Izivakalisi nemihlathi zineemposiso kodwa iingcamango ziyalandeleka.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyu-bhutyu azingqinelani.

	8	7	6	5	4	3	1-2
5.Ukuhlela	Itekisi ayinazimposiso konke konke kuba kwenziwa uvavanyo-fundo nohlelo.	Itekisi engenamakhwi niba ngokupheleyo kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo	Itekisi iseneemposiso noxa kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Itekisi ineziphoso ezininzi nangona kwenziwe uvavanyo fundo kunye nohlelo.	Itekisi idlakadlaka ziimposiso nangona kwenziwe. uvavanyo-undo kunye nohlelo.	Itekisi idlakadlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva.

AMANQAKU ANOKUSETYENZISWA XA KUKOREKISHWA ISINCOKO

ISIQULATHO	AMANQAKU	ISITSHIXO
Ubungqina boyilo	8	Ubungqin.=
Ulwimi nesimbo	8	Sakh.=
Umxholo	8	Mong.=
Isakhiwo	8	Lwi&Sim =
Ukuhlela	8	Hlel =

